**Xhosa** series

In various industries, especially ours, many people dread record-keeping and, therefore, avoid it. One of the reasons is that it is perceived as taking a lot of time away from our daily 'important activities' or, should I say, "things we enjoy doing". We fail to see the value in record-keeping because we are afraid of committing to a goal or taking action to improve our farming systems. This may even be due to a lack of understanding, which leads to poor data recording and use.

# UMKHOMBANDLELA WOKUPHUMELELA

**umbhali Cleopas Tlotlang Lephallo**

**Ukugcinwa kweencwadi (*records*) yenye yeziganeko ezinkwantyisa abantu abaninizi kumashishini ngamashishini. Iyeyonanto ebalulekileyo, ingakumbi apha kwi industry yethu. Unobangela wokuba abantu bangayithandi, kukuba ijongelwe nje ngento elibazisayo kwinqubela yomsebenzi okanye ndingathi abantu abaninzi abayithakazeleli. Ixabiso layo alibonakaliseleli ntweni, ngenxa yoloyiko lokuzibophelela kwinjongo nasekuthabatheleni isenzo sokuphucula inkqubo kwiifama zethu. Unobangela woku, kusenokwenzeka ukuba kukunqongophala kokuqonda okukhokelela ekubeni iincwadi zingagcinwa ngokufanelekileyo.**

*"Awunokwazi ukulawula into ongayiqondiyo; ungenokwazi ukuqondisisisa ukuba awunamlinganiso; into ongayilinganiseleliyo awukwazi ukuyilawula."* – Peter Drucker

Ngoko ke, kubalulekile ukuba ubani nobani akwazi ukuqondisisisa ukuba kuthetha ukuthini ukugcwangciswa kweencwadi ngokwendlela kwaye siqonde nokuba kutheni simele sichithe ixesha lethu sigcina iincwadi ngendlela eyiyo nefunekayo. Oku kuyakusisa ngqo kwindlela yempumelelo.

## MASIQALE NGOKUCACISA UKUBA YINTONI UKUGCINWA KWEENCWADI?

Ukugcinwa kweencadi kukugcina iincwadi zeshishini okanye zefama ngokwendlela elula nechanelekileyo. Ngamanye amazwi, yindlela yokusinceda sizibone kwaye siziphucule ukuba ithini inkqubela yethu. Isisikhokelo sokuba sizibone ukuba sifuna ukuyaphi njenge shishini kwaye isisixhobo esisincedisa ekusithinteleni ekuthabatheni iziqgibo ezingalunganga kwingeniso leshishini lethu.

## YINTONI UNOBANGELA WOKUBA SIGCINE IINCWADI?

Kwi *The Dairy Mail* ka-Epreli, uAlex Jenkins, endisebenza naye ubhale intentho ethi, umkhombandlela awuna ndima uyidlalayo ukuba awuzazi ukuba ume ndawoni. Ukuba uyazazi ukuba uphi, umkhombandlela ungakunceda ekubeni:

- **Uzazi ukuba ufikelele na kwinjongo yakho.** Umzekelo, ukuba injongo yakho ibikukonyusa ingeniso nomgangatho wobisi kodwa kube kungekho nto itshoyo ezincwadini, akungekhe kubekho salathiso sitshoyo.
- **Uchonge iindawo zophucula ngokuncedisa ekuphangeni unobangela.** Umzekelo, ingeniso yobisi oluncinci kunokwenzeka ukuba lwenziwa lulawulo olungekho semgangathweni.
- **Ukucwangciswa indlela yokujongana nemiba.** Umzekelo, ukuphucula ulawulo lweenkomo ezimithiyo.
- **Ulanda umkhondo wemveliso.** Ukugcina umkhondo lwemeko yomzimba (body condition score) kulo lonke ixesha lokusengwa.
- **Ukungcina iincwadi zokugonywa nezonyango nokulandeleleka kwazo**
- **Ukuphucula nokwenza lula ulawulo.** Ngokubhala phantsi iinkcukacha ekungafuneki uzikhumbule kodwa onokubhekisa kuzo.

Scan this QR code to read the article in English.

## UKUQUKUMBELISA

Asingekhe siyazi impumelelo yethu kumashishini ethu ukuba asiwulandi umkhondo wokwenza kwethu. Ukugcina iincwadi asiyonto ethakazelelwa ngumntu wonke, kodwa yinto ebaluleke kakhulu ekumele yenziwe maxesha onke nekumele yenziwe ngokuchanelekileyo ukuze isiphephethele kwindlela yempumelelo.